“Xa ndimdala ndifuna ukuba yintshatsheli kwibhola yomnyazi,” wavakala ezithethela uSiviwe esendleleni evela ebaleni lebhola.  Kwakusemva kokubukela amaqela equbisene kwimidlalo yebhola yomnyazi.  Wayehamba elinganisa emana etsibatsiba, ezibona ekwelo bala edlala lo mdlalo.



“Ngenye imini ndiza kudlala ibhola yomnyazi nam,” watsho kuMama wakhe.

“Ngubani oza kwenza umsebenzi wasendlini xa uza kube udlala?” wabuza uMama.



Yayingumsebenzi kaSiviwe ukuhlamba izitya nokutshayela indlu ngelixa uMama esenza eminye imisebenzi. USiviwe wayesoloko ecela ukuya kubukela imidlalo esikolweni ngemiGqibelo, kodwa uMama noTata babemalela. UBonga umnakwabo wayethanda ibhola ekhatywayo kodwa akazange abeve bemalela yena ukuba abukele lo mdlalo.

Yayimhlupha le nto uSiviwe kucacile ukuba kumnandi ukuba yinkwenkwe. Kaloku naphaya esikolweni yayiba ngamantombazana odwa atshayela iiklasi.

“Yintoni enokwenza uMama noTata bandivumele ndiye emidlalweni?”



Kwathi ngenye imini uSiviwe wothuswa kukuva ilizwi esatsibatsiba ejula ibhola.



"Ubonisa isiphiwo Siviwe. Ungathanda ukuba kwiqela lebhola yomnyazi?" Yayingutitshala uMenzi owayengumqeqeshi weqela lebhola yomnyazi.

"Ndicinga singanalo iqela labantwana abancinci ongadlala kulo." Waqhubeka utitshala uMenzi.

Wagoduka ngaloo mini enemincili uSiviwe. Wayengxamele ukuxelela uMama wakhe ezi ndaba.  Wayenalo nexhala lokuba angakumameli oko aza nako.



“Utitshala uthi ndizakuba ngumdlali webhola yomnyazi,” watsho uSiviwe ngethuba kugqityezelwa isidlo sangokuhlwa.

“Ngumdlalo onjani lo kujulelwana ibhola kuwo?” wahlekisa umnakwabo uBonga.

“Njengokuba uthetha ngokudlala nje, uya kugqiba nini ukuhlamba izitya?” wakhalaza uMama.

Ithemba laphela tu kuye. Walala ekhathazekile kuba esazi ukuba akasoze avunyelwe adlale umdlalo awuthandayo.



Waphendula uSiviwe iinyembezi zigcwele emehlweni.

“Yambi ke loo nto kaloku wena unesiphiwo. Ndiqinisekile ukuba abanakungavumi xa benokubona indlela odlala ngayo. Sukukhathazeka ndiza kubhala ileta ndibacele bakuvumele udlale kunye nathi.”

Loo mazwi amnika ithemba noxa wayesenentandabuzo. Wayengasadlali nangebhola yakhe yeplastikhi awayethanda ukuyidlala xa ebuya esikolweni.

Kuloo veki uSiviwe wayebuya kade esikolweni ngenxa yokuba babelungiselela imini enkulu yemidlalo. Abazali bakhe babengazi ukuba wayekwiqela elidlala ibhola yomnyazi.

Ngosuku olwaluphambi kolo lwemidlalo, lwalungongoza uvalo kuye. Wayecinga ngeleta utishala uMenzi awayezakuyibhalela abazali bakhe ukumcelela imvume yokudlala. Yayingathi akasafiki ekhaya ababonise le leta eqinisekile ukuba soze bangavumi.

Wafika wawuthi jwii ubhaka wakhe akungena emnyango, wanika uMama ileta enemincili. Wayifunda uMama wakhe wathi,

“Kodwa Siviwe, kudala sithetha ngale nto yokudlala. Ngubani oza kundincedisa apha endlwini?

Zange ndayibona intombazana engafuni kusebenza.”

“Mama, asikokudlala oku, ngumdlalo obalulekileyo lo. notishala uMenzi uthi ndinesiphiwo.”

Wadana waya kwenza imisebenzi yakhe yesiqhelo ephelelwe tu ithemba lokuba uyakuze alifumane ithuba lokuba ngumdlali omkhulu olandelayo.



Abazali bakaSiviwe baya esikolweni bafikela kwi-ofisi yenqununu. Wangena utishala uMenzi xa kanye ehlala phantsi emva kokubuka iimbasa  ezazigcwele kwelo gumbi.

Waphosa ambalwa utitshala wavakala esithi uTata kaSiviwe akugqiba, utitshala uMenzi,

“Kodwa titshala, ucinga ukuba umntwana omncinci kangaka angade adlale kwimidlalo ebalulekileyo yesikolo?  Uya kuyenza nini imisebenzi yakhe ekhaya xa elibele kukudlala?

Woleka uMama kaSiviwe ngelithi. “Simzisa esikolweni ukuba afunde uSiviwe, hayi ukuba abe kwimfeketho yokudlala ibhola,”

“Unesiphiwo uSiviwe ndicinga anganimangalisa, mnikeni ithuba lokuba anibonise oko akwazi ukwenza,” wakhuthaza esitsho utitshala. Wayengekakuncami ukuzama ukujika iingqondo zesi sibini.

Wayesele elungiselele ukuba uSiviwe abe yinxalenye yabo bamele isikolo kumdlalo omkhulu oya kuba kuloo mpela veki.  Bahamba apho kungekho zigqibo zibambekayo kwimeko yokudlala kukaSiviwe.

Ngentsasa elandelayo uMama wabavusa esithi, “Masambeni singashiywa lixesha.”

“Siyaphi, Mama?” wabuza exakiwe uSiviwe.  YayinguMgqibelo eziqonda ukuba uphosiwe nguloo mdlalo wayezilolongela wona.

“Khawuleza, Siviwe.  Awudlali bhola kanti namhlanje?” wangenelela uTata.

Wayengakholelwa uSiviwe, kwakungathi angazitsweba aqonde akaphuphi kusini na.

Bafika esikolweni waya kukhwela kwibhasi eyayinabanye abantwana bamaqela ebhola yomnyazi. Kwakumnandi kuloo bhasi bahlabela amagwijo okuzomeleza koku qubiswana.  USiviwe wayonwabe ngeyona ndlela.

USiviwe wayefuna ngakumbi ukubonisa abazali bakhe isiphiwo sakhe. Babeza kuqala ngqa ukumbukela edlala.

Wadlala ebonakalisa ukuzimisela okugqithisileyo. Wayesithi tshe tshe egqiba ibala, behlokoma bekhwaza, becula ababukeli:

USiviwe yingangalala!
Yingangalala, yingangalala!

"Uyayibona yintombi yam uSiviwe ke leya?" wayesitsho uMama wakhe kwabanye abazali ababebukele kweloo qonga. Wayezingca ngokwenene engakholelwa ngulo mbono wentombi yakhe encinci. UTata wakhe naye wayenebhongo angawuvali umlomo.

Wayesithi akubabona uSiviwe bemi ngeenyawo bekhwaza, asuke abe namandla angaphaya kokuqonda.

Wathi esakuphela umdlalo, lathi funqu iqela labakhaphi bamthi wendu uSiviwe bemphakamisela phezulu.  Wayethe ngcu phezu kwaloo ngignginya, ephakamise izandla, enoncumo wonke.


Eso sihlwele sajikeleza ibala sihlabela amagwijo okubhiyoza.  Iintatheli ezazilapho nazo zazimangaliswe yile ntombazanyana enemitsi iyijula 'ngomlingo' ibhola yomnyazi.

Siviwe wabizwa ngokuba 'ngumdlali womlingo' kuba wayengoyena mncinci kunabadlali ababelapho kodwa esenza iziqwenga.

Inginginya yayingawuvali umlomo. Zange ayive indlela egodukayo uSiviwe, kuyintswahla kubhiyozwa kuloo bhasi. Wayesazi ukuba uza kuchongwa kwiqela eliphezulu.

elaliza kuya kudlala kwimidlalo yokugqibela eTshwane.





“Bendingazi ukuba uthetha le nto xa uthetha ngokudlala kwakho, ntomb’am,” wayiqala njalo incoko uTata bakufika ekhaya.

“Uyeva ukuba kule leta ndiyinikwe ngumqeqeshi kuthiwa siza kuphinda sihambe naye xa esiya eTshwane?”

“Heee! Siza kukhwela inqwelomoya, myeni wam!

UBonga naye wayencumile ebonakalisa ibhongo ngontondo wakowabo. Kwancokolwa ngemitsi awayeyenza kwelo bala, kuhlekwa kumnandi. USiviwe wavuuyiswa kukubona abazali bakhe bethabathekile ngumdlalo wakhe nto leyo yayikuphela komnqweno wakhe.

Ulwazi Lwethu

Readers

## Inqanaba 1

1. Izandi ezizizikhamiso
2. Izandi ezingamaqabane (b-j)
3. Izandi ezingamaqabane (k-r)
4. Izandi ezingamaqabane (s-z)
5. Vula, vala, vakala
6. Ukubala amagubu
7. Imbalela
8. Uziva njani uZazi?
9. UNunu noBobi
10. Idonki
11. Ipesika enkulu
12. UVuxa uthanda ucoceko
13. Isuphu emnandi
14. Amawele aluncedo
15. Qaphela Cokisa
16. USazi ufuna ukupeyinta
17. Ibululu esibayeni
18. UVela noVutivi
19. Iyakwazi ukubhabha

## Inqanaba 2

1. Umlilo
2. UKhabo nesigcawu
3. Ubuya nini uTata?
4. Mini emnandi Zazi
5. Amantombazana alusayo
6. Masonge amanzi
7. Iinwele ezinkulu
8. Basefama
9. Isifo seehagu
10. Usapho lwam
11. UKhosi uxakekile
12. Lina libalele
13. Ukonga uTatomkhulu
14. Ubomi bam basefama
15. Konke ngeetapile
16. Imvumi yodumo uMirriam Makeba
17. UNtombi ubhaqa isela
18. IShibhelani kaKulani

## Inqanaba 3

1. Soweto
2. Isipho esothusayo
3. Andiyithandi imifuno
4. UKhazi nombala obomvu
5. Izipho
6. Umjikelo wobomi besele
7. Uthando lwamawele
8. Umnyama kaNyansio
9. UPhumu owonwabileyo
10. Umnqweno kaLunje ufezekile
11. UMoli neekhrikethi
12. Uleqa phi Wenzile?
13. Amaqanda kaZodwa adukileyo
14. Isidudu esimnandi
15. Iinyosi
16. Ingwenya enentiyo
17. Amaxesha onyaka
18. Zinkulu kum
19. Isonka sikaNomsa
20. UMbali noBuhle

## Inqanaba 4

1. Impindezelo yenkunzi
2. Icebo elihle likaNtiyiso
3. Ibhola elahlekileyo
4. Batyelela umzi wogcino zilwanyana
5. Idyasi eguquliweyo
6. Ubuchule bukaNcinci
7. Badlala kuyo nayiphi imozulu
8. Imisebenzi yasekhaya
9. Ilokhwe entle
10. Umlimi uNtsika neenkawu
11. Amanzi ndawo yonke
12. Ubugqi bembewu
13. UPhila wonzakele
14. Isityalo esiphilisayo
15. Iindlela zabantu baseVenda
16. UQhawe uyalazi ixesha
17. Ugqirha uSooliman olungileyo
18. Amakhwenkwe akrelekrele
19. Iindlela zothutho
20. UGcina uzigcina esempilweni

## Inqanaba 5

1. Isiqalo esitsha
2. Inguqu kaNondwe
3. Intombazana ekrelekrele
4. Umsesane weXhalanga
5. Umdlali obalaseleyo
6. UThobile nezihlangu ezintsha
7. Imilambo yaseMzantsi Afrika
8. Imithi yaseMzantsi Afrika
9. Uphelelwe ngamanzi emzimbeni
10. Singcamla incasa yaseVenda
11. UTata wethu, umgcini wezilwanyana
12. Umkhuhlane
13. UNomadlakadlaka oligorha
14. Ingxaki egadini kaMakhulu
15. UStovi noStali
16. Iphupha likaSiviwe
17. Isihlangu esihle
18. UThwasa uphuthelwe
19. Ukulima
20. Ubuhlobo bokwenene
21. Umlobi

Ulwazi Lwethu yinkqubo esekwe ngenkxasomali yiZenex Foundation ukuvelisa uluhlu lweencwadi zokufunda nezinye izixhobo zokufundisa. Le nkqubo ijolise ekufundiseni nasekuxhaseni ukuphuhla kwesakhono sokufunda nokuqonda ulwimi lwasekhaya kubafundi abakumabanga aphantsi. Ezi ncwadi zihleliweyo zisungulwe ngeelwimi ezilithoba zaseMzantsi Afrika ngentsebenziswano phakathi kwamaqumrhu iMolteno Institute for Language and Literacies, iNelson Mandela Institute for Education and Rural Development, iRoom to Read South Africa neSouth African Institute for Distance Education. Zonke ezi zixhobo ziveliswe njengesibonelelo semfundo evulelekileyo nefumaneka simahla, iOpen Education Resources (OER) ngelasemzini.

Nceda undwendwele iwebhusayithi yethu ukuze ufumane ushicilelo olupheleleyo lwale ncwadi:: ***ulwazilwethu.org.za***

Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives (CC BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute Zenex Foundation, but you may not change this work in any way or use it commercially.

Ulwazi Lwethu

ISBN: 978-1-77981-514-9

9 781779 815149